



Western Cape
Government


FOR YOU



**INcwadana yokuKhuthazwa koFikelelo kwiiNgcombolo, 2023
esungulwe ngokwecandelo 14 loMthetho wokuKhuthazwa
koFikelelo kwiiNgcombolo (i-PAIA), 2000 (njengoko
ulungisiwe) ukwenzela
ISebe leNkulumbuso**

UMHLA WOSUNGULO: kweyeDwarha 2021
UMHLA WOHLAZIYO LOKUQALA: 22 kweyoMnga 2021

IZIQULATHO

1.	ULUHLU LWEEAKHRONIMI NEZISHUNQULELO	6
2.	INJONGO YENCWADANA YEPAIA	7
3.	USUNGULO LWESEBE LENKULUMBUSO	8
3.1	IINJONGO/ISIGUNYAZISO.....	8
4.	UBUME BESEBE LENKULUMBUSO KUNYE NEMISEBENZI.....	10
4.1	UBUME NGOMHLA WAMA28 KWEYOMDUMBA 2023	10





*1. The Western Cape Commissioner for Children accounts directly to the Western Cape Provincial Parliament, but is administratively vested in the Department of the Premier (Programme 2).
 2. Effective 1 April 2023, all Programme Managers will account and report directly to the Director-General/Accounting Officer.

.....	11
4.2 IMISEBENZI	12
4.2.3 INKQUBO 3: ULAWULO LWABASEBENZI (IZIKO LEE NKONZO EZIMANYANISIWEYO)	14
4.2.4 INKQUBO 4: IZIKO LOKWENZ' OKUTSHA ICENTRE FOR E-INNOVATION	14
IZIKO LOKWENZ' OKUTSHA ICENTRE FOR E-INNOVATION LIBANGELA UGQWESO LWEENNKONZO EZIYA EBANTWINI BASENTSHONA KOLONI NGOKUSEBENZISA IITHEKNOLOJI ZONXIBELELWANO LWEENGCOMBOLO KUQUKA I-ICT YEQHINGA LOKUSEBENZA; ULAWULO LWEGITO; URHULUMENTE OQHAGAMSHELEKILEYO NEZISEKO EZINGUNDOQO; KUNYE NEENKONZO ZOSETYENZISO EZIXANANAZILEYO. LE MISEBENZI ILANDELAYO YENZIWA NGOKWALE NKQUBO:	14
INKQUTYANA 4.2: IINKONZO ZEICT YEQHINGA LOKUSEBENZA: UKUNIKEZELA NGEENKONZO ZEICT YEQHINGA LOKUSEBENZA KURHULUMENTE WENTSHONA KOLONI, KUGXININISE KUCWANGCISO NAKUPHUHLISO, KULUNGELELWANISO LOLAWULO OLUMANYANISIWEYO LWEICT NGOKUNJALO NAKWIAJENDA YORHULUMENTE WEDIJITHALI EQUKA UKOMELEZA AMAQONGA AMAVA ABEMI.	14
INKQUTYANA 4.3: IINKONZO ZOLAWULO LWEGITO: UKUBONELELA NGEENKONZO ZEICT EZIXANANAZILEYO KURHULUMENTE WENTSHONA KOLONI, EZIQUKA ULAWULO LWEDESIKA YENKONZO YEIT NGOKUNJALO NAGOLAWULO LWENKONZO YEIT KUMASEBE ANGABAXUMI BECE- I. LE NKQUTYANA IKWANOXANDUVA LOKUSASAZWA KWEMEKO YEKHOMPYUTHA KUNYE NEZISOMBULULO NEENKQUBO ZEIT EZINGQAMENE NESEBE.	15
INKQUTYANA 4.4: IINKONZO ZORHULUMENTE OHLANGANISIWEYO NEZISEKO EZINGUNDOQO: UKUBONELELA NGOQHAGAMSHELWANO KWIZIZA ZORHULUMENTE WENTSHONA KOLONI NGOKUSEBENZISA INYATHELO LEBROADBAND; UKUBONELELA NGOQHAGAMSHILO LWEINTANETHI YASIMAHLA KUBEMI NGOKUSEBENZISA IINDAWO ZEWIFI YOLUNTU KUNYE NOKULAWULA IZISEKO ZORHULUMENTE WENTSHONA KOLONI ZEICT EZIXANANAZILEYO.	15
INKQUTYANA 4.5: IINKONZO ZOSETYENZISO EZIXANANAZILEYO: UKUBONELELA NGEENKONZO ZOPHUHLISO LOSETYENZISO EZIXANANAZILEYO EZIQUKA AMAQONGA OSETYENZISO AHAMBAYO ORHULUMENTE WENTSHONA KOLONI.	15
4.2.5 INKQUBO 5: ULWAZISO OLUMANYANISIWEYO	15
UQINISEKISO OLUMANYANISIWEYO LUBONELELA NGEMISEBENZI YENGINISEKISO EQUKA ULAWULO LOMNGCIPHEKO WESHISHINI, UPHICOTHOZINCWADI LWANGAPHAKATHI, IFORENSIKHI YEPHONDO, NEENKONZO ZONXIBELELWANO EZIMANYANISIWEYO.	15
4.2.6 INKQUBO 6: IINKONZO ZOMTHETHO	16
5. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZIPHAMBILI UKUFUMANA IINGCOMBOLO ZESEBE LENKULUMBUSO	17
6. INGCACISO YALO LONKE ULUNGISO OLUFUMANEKAYO NGOKUNXULUMENE NOMTHETHO OKANYE UKUSILELA UKWENZIWA KWENTSHUKUMO LISEBE LENKULUMBUSO.	18
7. ISIKHOKELO SENDLELA YOKUSETYENZISWA KWE-PAIA NANGENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KWISIKHOKELO	19
8. INKCAZELI YEZIHLOKO IQUMRHU ELIGCINE IIREKHODI ZAZO NEEREKHODI ZEENDINDI EZIGCINWE LISEBE LENKULUMBUSO	22
9. IINDIDI ZEREKHODI ZESEBE LENKULUMBUSO EZIFUMANEKAYO NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU ABE NOKWENZA ISICELO SOFIKELELO	26
10. IINKONZO EZIFUMANEKAYO KUMALUNGU OLUNTU KWISEBE LENKULUMBUSO NENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KWEZO NKONZO	28
11. UBANDAKANYO LOLUNTU EKUSUNGULENI UMGAQONKQUBO OKANYE KUSETYENZISO LWAMANDLA OKANYE EKWENZIWENI KOMSEBENZI LISEBE LENKULUMBUSO	29

12. UKULUNGISELELWA KWEENKCUKACHA ZOBUQU	29
12.1 INJONGO YOKULUNGISELELA	29
12.2 INKCAZELO YEENDIDI ZEZIHLOKO ZEDATHA, IINGCOMBOLO EZILUNGISELELELWEYO NABAMKELI BAZO.....	29
12.3 UKUHAMBA OKUCWANGCISIWEYO OKUNQUMLA IMIDA KWIINKCUKACHA ZOBUQU BOMNTU ...	31
12.4 INKCAZELO NGOKUBANZI YAMANYATHELO OKHUSELEKO LWEENGCOMBOLO EZIZA KUZALISEKISWA LISEBE LENKULUMBUSO UKUQINISEKISA UBUMFIHLO, INTEMBEKO KUNYE NOKUFUMANEKA KWEENGCOMBOLO	32
13. UFIKELELO NOKUFUMANEKA KWALE NCWADANA.....	34
14. UKUHLAZIYWA KWALE NCWADANA	34
ISIHLOMELO A:.....	36
ISIKHOKELO KUFIKELELO LWEEREKHODI EZINGAFUMANEKI NGOKUZENZAKALELAYO	36

1. ULUHLU LWEEAKHRONIMI NEZISHUNQULELO

“DIO”	ISekela Gosa leeNgcombolo
“DoTP”	ISebe leNkulumbuso
“HOD”	Ntloko yeSebe
“IO”	IGosa leeNgcombolo
“MEC”	ILungu leKomiti yeSigqeba soLawulo
“PAIA”	UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiiNgcombolo, 2000
“PFMA”	UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999
“POPIA”	UMthetho woKhuseleko lweeNgcombolo zoBuqu, 2013
“PSA”	UMthetho weeNkonzo zikaRhulumente, iSibhengezo 103 of 1994
“Umlawuli”	Umlawuli weeNgcombolo
“UMgaqosiseko”	UMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996
“WCG”	URhulumente weNtshona Koloni

2. INJONGO YENCWADANA yePAIA

Le ncwadana yePAIA iluncedo kuluntu ukuze-

- 2.1 Iujonge ubume beerekhodi ezisenokuba sele zikhona kwiSebe leNkulumbuso, ngaphandle kwesidingo sokungeniswa kwesicelo esisemthethweni sePAIA.
- 2.2 Iuziqonde indlela zokwenza isicelo sofikelelo kwiirekhodi zeSebe leNkulumbuso.
- 2.3 Iuzifumane zonke iinkcukacha ezifanelekileyo zoqhagamshelwano zabantu abaza kunceda uluntu ngeerekhodi abajonge ukufikelela kuzo.
- 2.4 Iube nolwazi ngazo zonke izisombululo ezifumanekayo kwiSebe leNkulumbuso malunga nesicelo sokufikelela kwiirekhodi, phambi kokuya kuMlawuli okanye kwiiNkundla.
- 2.5 Iufumane inkcazelo ngeenkono ezifumanekayo kumalungu oluntu kwiSebe leNkulumbuso nangendlela yokufikelela kwezo nkono.
- 2.6 Iufumane inkcazelo yesikhokelo malunga nendlela yokusebenzisa i-PAIA, njengoko ihlaziye nguMlawuli nangendlela yokufumana ufikelelo kuyo.
- 2.7 Iwazi ukuba ingaba iSebe leNkulumbuso liza kuzisebenzisa iingcombolo zobuqu bomntu, injongo yokusetyenzwa kweengcombolo zobuqu bomntu kunye nenkcazelo yeendidi zemixholo yedatha kunye neengcombolo okanye iindidi zeengcombolo ezinxulumene noko.
- 2.8 Iwazi ukuba iSebe leNkulumbuso licwangcise ukudlulisela okanye ukusebenzisa iinkcukacha zobuqu ngaphandle kweRiphabhliki yoMzantsi Afrika kunye nabamkeli okanye iindidi zabamkeli ekunokuthi kunikezelwe kubo iinkcukacha zobuqu..
- 2.9 Iwazi ukuba ingaba iSebe leNkulumbuso linawo na amanyathelo okhuseleko afanelekileyo okuqinisekisa ubumfihlo, intembeko kunye nokufumaneka kweengcombolo zobuqu eziza kusetyenziswa.

3. USUNGULO LWESIBE LENKULUMBUSO

ISebe leNkulumbuso licandelo lephondo elikwinkonzo karhulumente nelimiselwe ngokwecandelo 197 loMgaqosiseko. UMthetho weNkonzo kaRhulumente (i-PSA) ophumeza icandelo 197 loMgaqosiseko ke ngoko ubonelela kwicandelo lesi-7 malunga neeOfisi zeeNkulumbuso.

3.1 liNjongo/iSigunyaziso

Ngokwecandelo 125 loMgaqosiseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996 ("uMgaqosiseko"), iNkulumbuso yephondo isebenzisa igunya lesigqeba, ikunye namanye amalungu eSigqeba soLawulo. Ngokunxulumene nendima kunye nesigunyaziso seSebe leNkulumbuso ngakumbi, la magunya alandelayo eNkulumbuso neKhabhinethi abaluleke kakhulu:

- ukuzalisekisa umthetho wephondo kwiphondo;
- ukuphuhlisa nokuzalisekisa umgaqonkqubo wephondo;
- ukulungelelanisa imisebenzi yolawulo lwephondo kunye namasebe alo; kunye
- nokulungiselela nokuqalisa umthetho wephondo.

UMgaqosiseko weNtshona Koloni, 1997 ("uMgaqosiseko weNtshona Koloni") unika amagunya nemisebenzi ethile kwiNkulumbuso yephondo, kwaye iSebe libonelela ngenkxaso kwiNkulumbuso ekwenzeni la magunya nemisebenzi.

ISebe leNkulumbuso lisungulwe ngokoMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994, othi, xa ufundwa noMgaqosiseko kunye noMgaqosiseko weNtshona Koloni, uvumele iNkulumbuso ukuba ikhokele iNtshona Koloni ekuhanjiseni kweenkonzo kubemi.

ICandelo 7 loMthetho weNkonzo kaRhulumente linika amagunya nemisebenzi ethile kuMlawuli-Jikelele wolawulo lwephondo, kuquka:

- Unobhala weKhabhinethi;
- ubudlelwane phakathi koorhulumente kumgangatho wolawulo;
- intsebenziswano phakathi koorhulumente, kuquka ulungelelwaniso lwezenzo zamasebe kunye nomthetho; kunye
- nokubonelela ngomkhombandlela weqhinga lokusebenza kwimiba


yomgaqonkqubo oxananazileyo.



Olona xanduva luphezulu lomgaqosiseko nomthetho weSebe leNkulumbuso ke ngoko kukulungelelanisa izenzo zamasebe kaRhulumente weNtshona Koloni ngokunxulumene nophuhliso lomgaqonkqubo neqhinga lokusebenza, uzalisekiso nokubek' iliso nohlaziyo.

Ngokwesigqibo esithathwe yiKhabhinethi ngo-2010, iSebe leNkulumbuso linoxanduva lokunikezela ngothotho lweenkonzo ezimanyanisiweyo kumasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Oku kudala uxanduva lolawulo olumanyanisiweyo phakathi kweSebe kunye namasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Ngenxa yendima yalo njengomboneleli weenkonzo ezimanyanisiweyo, iSebe libonwa njengomgcini nomkhuseli wolawulo olululo kuRhulumente weNtshona Koloni kunye noNondyabo wePhondo kunye neSebe loRhulumente weNgingqi.

4. UBUME BESEBE LENKULUMBUSO KUNYE NEMISEBENZI

4.1 Ubume ngomhla wama28 kweyoMdumba 2023





*1. The Western Cape Commissioner for Children accounts directly to the Western Cape Provincial Parliament, but is administratively vested in the Department of the Premier (Programme 2).

2. Effective 1 April 2023, all Programme Managers will account and report directly to the Director-General/Accounting Officer.

4.2 Imisebenzi

ISEBE leNkulumbuso libangela ukuba amanye amasebe alishumi elinesibini kaRhulumente weNtshona Koloni anikezele ngeenkono kubemi baseNtshona Koloni. Oku likwenza ngokwenza imisebenzi yalo engundoqo yokubonelela ngomgaqonkqubo nangesikhokelo seqhinga lokusebenza ngezi nkqubo zintandathu zilandelayo:

4.2.1 INkqubo 1: ULawulo lweSigqeba kunye noHlanganiso

ULawulo lweSigqeba kunye noHlanganiso lunikezela ngeenkono zeqhinga lolawulo kwiNkulumbuso, kwiKhabhinethi, kuMlawuli-Jikelele, kuBalawuli abaphezulu bePhondo nakwiKomiti yeSigqeba yeSebe leNkulumbuso ngokuqinisekisa ukuthathwa kwezigqibo okusebenzayo nagonxibelelwano olusebenzayo siSigqeba.

Le misebenzi kubonelelwa ngayo ngokwale nkqubo:

INkqutyana 1.2: IOfisi yeNkulumbuso: Ukubonelela ngenkxaso yokusebenza kwiNkulumbuso. Inkxaso yokusebenza ikakhulu ibandakanya ulawulo lweofisi, ulawulo lwembalelwano, unxibelelwano namajelo eendaba, inkxaso yepalamente, ulawulo lwedayari kunye nenkonzo yolwamkelo, ngokunjalo nenkonzo yenkxaso yekhaya kwindawo yokuhlala esemthethweni.

INkqutyana 1.3: INkxaso yeSigqeba soLawulo: Ukulawula ubonelelo lweenkonzo zobunobhala, ulungiselelo nezigqibo zenkxaso kwiKhabhinethi, iiforam zobudlelwane phakathi koorhulumente beNkulumbuso, abaphathi abaphezulu bephondo kunye nekomiti yesigqeba yeSebe leNkulumbuso. Inkqutyana ikwajongana nemiba yeprothokholi yephondo kwaye ilawula imbeko yephondo.

INkqutyana 1.4: IQhinga leSebe: Ukubonelela ngeenkono zenkxaso yolawulo lweqhinga, ulungelelwano nolawulo ngokuququzelela iinkqubo zolawulo lweqhinga, kunye namalungiselelo okhuselo nokhuseleko lwesebe.

INkqutyana 1.5: IOfisi yoMlawuli-Jikelele: Ukubonelela ngenkxaso yokusebenza kuMlawuli-Jikelele. Inkqutyana ibonelela ngeenkono zenkxaso yeqhinga lokusebenza nolawulo kuMlawuli-Jikelele, ilawula iimpendulo zesebe kwimibuzo yasepalamente kwaye incedise ngonxibelelwano phakathi koMlawuli-Jikelele kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo kunye nokumisela uLawulo lweNgcombolo kwisebe.

INkqutyana 1.6: ULawulo lwezeMali: Ukuqinisekisa ulawulo lohlahlomali olusebenzayo, iinkonzo zokunikwa kwengxelo yemali yesebe kunye nokusetyenziswa kwamanyathelo olawulo lwangaphakathi, kunye nolawulo lobonelelo, iiasethi, intengo neerekhodi zesebe kunye neenkonzo zenkxaso jikelele.

INkqutyana 1.7: UNxibelelwano lweQhinga lokusebenza. Ukulungelelanisa unxibelelwano lwangaphandle kunye nothethathethwano noluntu ukuqinisekisa ukuba uRhulumente weNtshona Koloni uyazichaza iinjongo zakhe zeqhinga kunye neziphumo zonikezelo lweenkonzo kubantu baseNtshona Koloni.

INkqutyana 5.5: UNxibelelwano oluManyanisiweyo: Ilungelelanisa imiyalezo yonxibelelwano ukuqinisekisa ukuba iinjongo zeqhinga lokusebenza loRhulumente weNtshona Koloni ziyachazwa ebantwini baseNtshona Koloni. Ikwabonelela ngeengcebiso zonxibelelwano kunye neenkonzo zenkxaso kumaSebe neSigqeba sePhondo, iqinisekisa umgangatho, ngokufanelekileyo, ngobuchule, nothungelwano lothungelwano olusebenzayo oluxhasa uRhulumente weNtshona Koloni ekuphumezeni iinjongo zeqhinga zakhe zizonke.

4.2.2 INkqubo 2: ULawulo lweQhinga lePhondo

ULawulo lweQhinga lePhondo lukhokela kwaye lulungelelanisa ulawulo lweqhinga lephondo ngomgaqonkqubo nenkxaso yeqhinga, ubuninzi bedatha nobungqina kunye nokumisela iinkqubo zeqhinga kumaziko kuye wonke uRhulumente weNtshona Koloni.

INkqutyana 2.2 UMgaqinkqubo neQhinga lokusebenza: Ukulungelelanisa, ukuxhasa kunye nokukhuthaza umgaqonkqubo osekelwe kubungqina kunye nophuhliso lweqhinga lokusebenza, ucwangciso, uzalisekiso kunye nohlaziyo.

INkqutyana 2.3 liNgcombolo zoLawulo lweQhinga lokusebenza: Kwindima yeOfisi yeDatha yePhondo, inkqubo ikhokelela ekumiseleni amaziko iindlela ezikhokelwa yidatha nezisekelwe kubungqina bokufunda nokwenza izigqibo kunye nokuxhasa nokwenza ukuba amasebe ephondo akwazi ukuphumeza, ukwamkela ezona ndlela zingcono zokusebenza nokuqhuba ukusungula izinto ezintsha. Indlela yeqhinga lophuhliso lwedatha yakha intsebenziswano yeqhinga lokusebenza kunye nababoneleli, abavelisi kunye nabasebenzisi bedatha, abenzi bomgaqonkqubo

netheknoloji yokwandisa ukufikelela kunye nokusetyenziswa kwedatha esemgangathweni kunye nobungqina beziphumo kunye nokungafihli.

INkqutyana 2.4 **liNkqubo zeQhinga lokusebenza:** Ukukhokela nokulungelelanisa ukumiselwa kweenkqubo zeqhinga lokusebenza ukuxhasa imimandla emakuqalwe ngayo yeqhinga lePhondo efana namandl' ombane, ukhuseleko, imisebenzi kunye nempilontle.

4.2.3 INkqubo 3: ULawulo lwaBasebenzi (IZiko leeNkonzo eziManyanisiweyo)

Inkqubo ibonelela ngenkonzo yolawulo lwabantu exananazileyo ebandakanya uphuhliso lombuso, uqeqesho nokuxhotyiswa, kunye nemisebenzi yabasebenzi. Le misebenzi kubonelelwa ngayo ngokwale nkqubo:

INkqutyana 3.2: **UPhuhliso loMbuso:** Ukulungelelanisa uphuhliso lomgangatho ofunekayo wezakhono zombutho ukomeleza unikezelo olugxile kubemi. I-CD OD iququzelela oku ngokuchaza ngokukodwa kunye nokuphuhlisa abantu kunye nezakhono zombuso kuye wonke uRhulumente weNtshona Koloni. Oku kunxulumene nenkcazelo yobuchule nophuhliso, uyilo lombuso (inkqubo kunye nobume) ukuphuculwa, ukwenza inkcubeko egxile kubemi, impilontle yabasebenzi kunye nokwakha isakhono sokuhamba ngenguqu exananazileyo.

INkqutyana 3.3: **UQeqesho lwaBasebenzi noXhotyiso:** Ukubonelela ngoqeqesho lwezakhono ezisabelayo nophuhliso olufanelekileyo.

INkqutyana 3.4: **IMisebenzi yoLawulo lwaBasebenzi:** Ukubonelela ngeendlela zolawulo lwabasebenzi ezisebenzayo, ezanelisayo nezichubekileyo ngokusebenzisa intsebenziswano yoshishino olunobuqhinga nokugqwesa kwentengiselwano.

4.2.4 INkqubo 4: IZiko loKwenz' okutsha iCentre for e-Innovation

IZiko loKwenz' okutsha iCentre for e-Innovation libangela ugqweso lweenkonzo eziya ebantwini baseNtshona Koloni ngokusebenzisa iiTheknoloji zoNxibelelwano lweengcombolo kuquka i-ICT yeQhinga lokusebenza; uLawulo lweGITO; urhulumente oqhagamshlekileyo neziseko ezingundoqo; kunye neenkonzo zosetyenziso ezixananazileyo. Le misebenzi ilandelayo yenziwa ngokwale nkqubo:

INkqutyana 4.2: **liNkonzo zeICT yeQhinga lokusebenza:** Ukunikezela ngeenkonzo zeICT yeqhinga lokusebenza kuRhulumente weNtshona Koloni, kugxininise kucwangciso nakuphuhliso, kulungelelwaniso loLawulo oluManyanisiweyo lweelCT

ngokunjalo nakwajenda yoRhulumente weDijithali equka ukomeleza amaqonga amava abemi.

INkqutyana 4.3: IiNkonzo zoLawulo lweGITO: Ukubonelela ngeenkonzo zeICT ezixananazileyo kuRhulumente weNtshona Koloni, eziquka ulawulo lwedesika yenkonzo yeIT ngokunjalo nagolawulo lwenkonzo yeIT kumasebe angabaxumi beCe-I. Le Nkqutyana ikwanoxanduva lokusasazwa kwemeko yekhompuyutha kunye nezisombululo neenkqubo zeIT ezingqamene nesebe.

INkqutyana 4.4: IiNkonzo zoRhulumente oHlanganisiweyo neziSeko ezinguNdoqo: Ukubonelela ngoqhagamshelwano kwiziza zoRhulumente weNtshona Koloni ngokusebenzisa inyathelo leBroadband; ukubonelela ngoqhagamshelo lweintanethi yasimahla kubemi ngokusebenzisa iiNdawo zeWiFi yoLuntu kunye nokulawula iziseko zoRhulumente weNtshona Koloni zeICT ezixananazileyo.

INkqutyana 4.5: IiNkonzo zoSetyenziso eziXananazileyo: Ukubonelela ngeenkonzo zophuhliso loSetyenziso ezixananazileyo eziquka amaQonga oSetyenziso aHambayo oRhulumenthe weNtshona Koloni.

4.2.5 INkqubo 5: ULwaziso oluManyanisiweyo

UQinisekiso oluManyanisiweyo lubonelela ngemisebenzi yengqinisekiso equka ulawulo lomngcipheko weshishini, uphicothozincwadi lwangaphakathi, iforensikhi yephondo, neenkonzo zonxibelelwano ezimanyanisiweyo.

IiNkonzo zeNkqubo 5 zibonelelwa ngeenkqutyana zayo, ezizezi:

INkqutyana 5.2: ULawulo loMngcipheko woShishino: Ukuphucula ulawulo loRhulumente weNtshona Koloni ngokusebenzisa ulawulo lomngcipheko oluzinzisiweyo. ICandelo loLawulo loMngcipheko woShishino linikezela ngeenkonzo zolawulo lomngcipheko kumasebe kaRhulumente weNtshona Koloni kwaye ekugqibeleni liphumeze uxanduva lwamaGosa oMngcipheko aziNtloko.

INkqutyana 5.3: UPhicothozincwadi lwaNgaphakathi: Ukuphucula ulawulo loRhulumente weNtshona Koloni ngokusebenzisa iinkqubo eziphuculiweyo zoshishino. ICandelo loLawulo eliyiNtloko: UPhicothozincwadi lwangaPhakathi (i-IA) luvavanya ngokuzimeleyo ukufaneleka nokusebenza ngempumelelo kwemisebenzi yolawulo kwimimandla ebandakanyiweyo kwiZicwangciso zoPhicothozincwadi lwangaPhakathi kuwo onke amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni ngenjongo yokugqibela yokuphucula iinkqubo ezijongene nabemi..

INkqutyana 5.4: liNkonzo zeForensikhi zePhondo: Ukuphucula ulawulo loRhulumente weNtshona Koloni ngokuthintela nangokusabela kubuqhophololo norhwaphilizo. ICandelo loLawulo eliyiNtloko: liNkonzo zeforensikhi zePhando (i-PFS) libonelela ngeenkonzo zeforensikhi ezisebenzayo kuwo onke amasebe kaRhulumente weNtshona Koloni. Ijolise ekudaleni imekobume engabunyamezeliyo kwaphela ubuqhophololo, ubusela norhwaphilizo ngeenkqubo zayo ezisebenzayo ekuvunyelwene ngazo nesebe ngalinye ngonyaka, ezibandakanya uhlolo lomngcipheko worhwaphilizo, iprojekthi yohlalutyo lwedatha, iiseshoni zokwazisa ngobuqhetseba norhwaphilizo kunye nabasebenzi kunye nothethathethwano nabasebenzi. kawonkewonke, ekhupha iincwadana zeendaba kunye nokuboniswa kolunye unxibelelwano oluchasene nobuqhophololo kubasebenzi nakuluntu. Injongo kukubonisa imathiriyeli yokuchasa ubuqhophololo norhwaphilizo kumaziko eNtshona Koloni iphela ibonakale eluntwini ukuze isebenze njengenyathelo lothintelo nokukhuthaza ukuhlatywa kwekhwelo.

4.2.6 INkqubo 6: liNkonzo zoMthetho

liNkonzo zoMthetho zibonelela ngeenkonzo zomthetho ngokuxananazileyo, ezibandakanya ukuqulunqwa kwemithetho, ukudityaniswa kwezimvo kumthetho kazwelonke oqulunqwayo, ulawulo lwamatyala, unikezelo lwezimvo zomthetho, ukuqulunqwa nokuhlolwa kwezivumelwano kunye nembalelwano yobugcisa bomthetho, ukuqhutywa kovavanyo lolawulo lwezomthetho kunye nokubonelela ngoqeqesho lomthetho.

INkqubo ibonelela ngale misebenzi ilandelayo ukuba inikezelwe:

INkqutyana 6.2: liNkonzo zoLawulo neeNgcebiso zoMthetho: Ukubonelela ngeenkonzo zeengcebiso zomthetho nolawulo kuMalungu esiGqeba soLawulo nakumasebe ephondo. Imisebenzi inxulumene nokubonelelwa kwezimvo zomthetho ezisesikweni kunye neengcebiso zomthetho; ukunikezela ngeengcebiso ngembalelwano yobume bezomthetho; ukubonelela ngegalelo lomthetho kwizingeniso zeKhabhinethi; ukuqinisekisa izivumelwano ezifanelekileyo ngokusemthethweni; kunye nokumela amasebe ephondo kwiiforamu kwimiba yezomthetho.

INkqutyana 6.3: EzoMthetho: Ukubonelela ngeemfuno zoqulunqo lomthetho wesiGqeba soLawulo sePhondo. Imisebenzi ephambili ibandakanya ukuqulunqwa

nokuqinisekiswa komthetho wephondo; ukuqinisekisa indlela ehlangeneyo ngokubhekiselele kumthetho wephondo kunye nefuthe langaphakathi okanye phakathi koorhulumente; ukubonelela ngezimvo kumthetho kazwelonke oqulunqwayo nomthetho ongezantsi; kunye nokubhala umthetho ongezantsi wephondo.

INkqutyana 6.4: Ukumangalela: Ukubonelela ngenkonzo yenkxaso yezomthetho ngokubhekiselele kwisimangalo, ukusebenza ngokubambisana neOfisi yeGqwetha likaRhulumente. Imisebenzi inxulumene nobonelelo lwengcebiso yezomthetho ngokubhekiselele kwisimangalo esifakwe okanye ngokuchasene namaLungu esiGqeba esiLawulayo kunye/okanye namasebe ephondo; ukujongana nokuthunyelwa kwiGqwetha likaRhulumente; ukulawula amalungiselelo eNkundla yoMgaqosiseko, iNkundla ePhakamileyo yeziBheni, iNkundla ePhakamileyo, iNkundla yeziBheni yezaBasebenzi, kunye namatyala eNkundla yezemiSebenzi; ukuncedisa ngokubonisana nabameli; ukugcina uvimba weenkukacha zamatyala nguRhulumente weNtshona Koloni; kunye nokucebisa ngamatyala anokuvela.

5. IINKCUKACHA ZOQHAGAMSHELWANO EZIPHAMBILI UKUFUMANA IINGCOMBOLO ZESEBE LENKULUMBUSO

5.1 IGosa leeNgcombolo

Igama: UGQIR. HARRY CLIFTON MALILA
Umnxeba: 021 483 6032
I-imeyili: Harry.Malila@westerncape.gov.za
Inombolo yefeksi: AKUSEBENZI

5.2 ISekela Gosa leeNgcombolo

Igama: DRIKUS GERHARDUS BASSON
Umnxeba: 021 483 2583
I-imeyili: Drikus.Basson@westerncape.gov.za
Inombolo yefeksi: AKUSEBENZI

5.3 UNdlunkulu

IDilesi yePosi: P.O. Box 659

EKapa

8000

IDilesi yeNdawo: Umgangatho woku¹, kwanombolo 15 kwiSitalato iWale

EKapa

8001

Umnxeba: 021 483 6032

I-imeyili: director-general@westerncape.gov.za

Iwebhusayithi: <https://www.westerncape.gov.za/dept/department-premier>

6. INGCACISO YALO LONKE ULUNGISO OLUFUMANEKAYO NGOKUNXULUMENE NOMTHETHO OKANYE UKUSILELA UKWENZIWA KWENTSHUKUMO LISEBE LENKULUMBUSO.

Umthetho osebenzayo kwiSebe (njengoko kuchaziwe kwiSicwangciso sokuSebenza soNyaka seSebe) unokubonelela ngohlaziyo lwangaphakathi okanye ngenkqubo yokubhena. Ukuba le nkqubo ifikelele esiphelweni, okanye kungabikho malungiselelo enziweyo malunga nenkqubo enjalo, kungaqhagamshelwana nenkundla ukuze kufumaneke umyalelo ofanelekileyo ngokoMthetho wokuKhuthazwa koBulungisa boLawulo, 2000.

Imibuzo, izikhalazo okanye izimvo malunga naluphi na unikezelo lwenkonzo liSebe leNkulumbuso ingenziwa ngolu hlobo lulandelayo:

Umnxeba: 0860 142 142 - NgoMvulo ukuya ngeCawe ukusukela ngo7 kusasa ukuya ngo7malanga.

Ifeksi: 021 483 7216

I-imeyili: service@westerncape.gov.za

Ndwendwela iziko loQhagamshelwano kwanombolo 9 kwiSitalato iWale, eKapa – ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu ukususela ngo8:00 kusasa ukuya ngo3.30 malanga nangoMgqibelo ukususela ngentsimbi yesi8 kusasa ukuya ngo12 emini' emaqanda.

7. ISIKHOKELO SENDLELA YOKUSETYENZISWA KWE-PAIA NANGENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KWISIKHOKELO

7.1 Umlawuli, ngokwecandelo 10(1) lePAIA, uye wahlaziya waza wenza ukuba kufumaneke iSikhokelo esihlaziyiweyo sendlela yokusebenzisa iPAIA (“iSikhokelo”), ngendlela eqondakala lula nangendlela eqondakala lula, njengoko kunokufunwa ngokufanelekileyo ngumntu unqwenela ukusebenzisa naliphi na ilungelo elixelwe kwiPAIA kunye nePOPIA.

7.2 Esi Sikhokelo sifumaneka ngolwimi ngalunye kwiilwimi ezisemthethweni.

7.3 Esi Sikhokelo sikhankanywe ngasentla siqulathe inkcazelo -

7.3.1 yeenjongo zePAIA nePOPIA;

7.3.2 idilesi yeposi neyesitalato, inombolo yomnxeba neyefeksi kwaye, ukuba ikhona, idilesi yeimeyile ye-elektroniki -

7.3.2.1 yeGosa leeNgcombolo lawo onke amaqumrhu karhulumente, kunye

7.3.2.2 iGosa leeNgcombolo eliliSekela ngalinye lawo onke amaqumrhu karhulumente nawabucala amaselwe ngokwecandelo 17(1) lePAIA¹ kunye necandelo 56 lePOPIA²;

7.3.3 indlela kunye nohlobo lwesicelo -

¹ ICandelo 17(1) lePAIA- Ngeenjongo zePAIA, iqumrhu ngalinye likarhulumente kufuneka, ngokuxhomekeke kumthetho olawula ukugqeshwa kwabasebenzi bequmrhu likarhulumente elichaphazelekayo, lityumbe elo nani labantu njengamasekelagosa olwazi njengoko kuyimfuneko ukuze linikezele iqumrhu likarhulumente ifikeleleka kangangoko kubaceli beerekhodi zayo.

² ICandelo 56(a) lePOPIA - Iziko ngalinye likarhulumente nelabucala kufuneka lenze amalungiselelo, ngendlela echazwe kwicandelo 17 loMthetho wokuKhuthazwa kokuFikelela kwiiNgcombolo, kunye notshintsho oluyimfuneko, ukwenzela ukutyunjwa kwenani elinjalo labantu, ukuba kukho nabani na. , njengamagosa eengcombolo angamasekela njengoko kuyimfuneko ukwenza imisebenzi noxanduva njengoko kuchazwe kwicandelo 55(1) lePOPIA.

- 7.3.3.1 sofikelelo kwirekhodi yequmrhu likarhulumente elichazwe kwicandelo 11³; kunye ne
- 7.3.3.2 sofikelelo kwirekhodi yequmrhu labucala elichazwe kwicandelo 50⁴;
- 7.3.4 uncedo olufumanekayo kwiGosa leeNgcombolo lequmrhu likarhulumente ngokwePAIA neyePOPIA;
- 7.3.5 uncedo olufumanekayo kuMlawuli ngokwePAIA nePOPIA;
- 7.3.6 zonke izisombululo ezikhoyo emthethweni malunga nesenzo okanye ukusilela ukwenza ngokubhekiselele kwilungelo okanye umsebenzi onikwe okanye obekwe yiPAIA nePOPIA, kuquka nendlela yokufaka -
- 7.3.6.1 isibheni sangaphakathi;
- 7.3.6.2 isikhalazo kuMlawuli; kwaye
- 7.3.6.3 isicelo enkundleni esichasene nesigqibo segosa leengcombolo lequmrhu likarhulumente, isigqibo sesibheni sangaphakathi okanye isigqibo soMlawuli okanye isigqibo sentloko yequmrhu labucala.
- 7.3.7 amalungiselelo amacandelo 14⁵ nelama51⁶ afuna ukuba iqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandelelanayo, aqulunqe incwadana, nendlela yokufumana ufikelelo kwincwadana;

³ ICandelo le-11(1) lePAIA - Umntu ocelayo kufuneka anikwe ufikelelo kwirekhodi yequmrhu likarhulumente ukuba loo mceli uthobela zonke iimfuno zenqubo kwiPAIA ngokunxulumene nesicelo sokufikelela kuloo rekhodi; kwaye ukufikelela kuloo rekhodi akwaliwa ngokwemiqathango yawo nawuphi na umhlaba wokwala oxelwe kwiSahluko 4 sesi Sahlulo.

⁴ Candelo 50(1) lePAIA - Umntu ocelayo kufuneka anikwe ufikelelo kuzo naziphi na iirekhodi zequmrhu labucala ukuba -

a) ezo rekhodi ziyafuneka ekusebenziseni okanye ekukhuseleni nawuphi na amalungelo;

b) loo mntu uthobela iimfuno zenqubo kwiPAIA ngokunxulumene nesicelo sokufikelela kwezo rekhodi; kwaye

c) ukufikelela kwezo rekhodi akwaliwa ngokwako nakuphi na ukwala okuxelwe kwiSahluko 4 sesi Sahlulo.

⁵ ICandelo 14(1) lePAIA - Igosa leengcombolo lequmrhu likarhulumente kufuneka, ubuncinane ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni, lenze kufumanike incwadana eneenkcukacha ezidweliswe kumhlathi 4 apha ngasentla.

⁶ ICandelo 51(1) lePAIA - Intloko yequmrhu labucala kufuneka lenze kufumanike incwadana yemigaqo equlethe inkcazelo yeengcombolo edweliswe kumhlathi 4 apha ngasentla.

7.3.8 amalungiselelo amacandelo 15⁷ nelama52⁸ abonelela ngokubhengezwa ngokuzithandela kweendidi zeerekhodi liqumrhu likarhulumente kunye nequmrhu labucala, ngokulandelelanayo;

7.3.9 izaziso ezikhutshwe ngokwemigaqo yecandelo 22⁹ nelama54¹⁰ malunga nemirhumo emayihlawulwe ngokunxulumene nezicelo zokufikelela; kwaye

7.3.10 imigaqo eyenziwe ngokwecandelo 92¹¹.

7.4 Uluntu lunokuhlola okanye lwenze iikopi zesiKhokelo kwiifisi zikawonkewonke okanye zabucala, kubandakanywa neofisi yoMlawuli, ngeeyure eziqhelekileyo zokusebenza. ISikhokelo sinokufumaneka

7.4.1 ngesicelo kwiGosa leeNgcombolo;

7.4.2 kwiwebhusayithi yoMlawuli (<https://www.inforegulator.org.za>). IiNkcukacha zoqhagamshelwano zoMlawuli zikule theyibhuli ingezantsi.

IOfisi yoMlawuli weeNgcombolo	
Umnxeba	Akufumaneki
Ifeksi	Akufumaneki

⁷ ICandelo 15(1) lePAIA - Igosa leengcombolo lequmrhu likarhulumente, kufuneka lenze ukuba kufumaneka ngendlela emiselweyo inkcazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu likarhulumente ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba umntu acele ufikelelo kuzo.

⁸ ICandelo 52(1) lePAIA - Intloko yequmrhu labucala inako, ngokuzithandela, ukwenza kufumaneka ngendlela emiselweyo inkcazo yeendidi zeerekhodi zequmrhu labucala ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngaphandle kokuba umntu acele ufikelelo kuzo.

⁹ ICandelo 22(1) lePAIA - Igosa leengcombolo lequmrhu likarhulumente ekwenziwa kulo isicelo sofikelelo, kufuneka ngesaziso lifune ukuba umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqhutyelwe phambili nesicelo.

¹⁰ ICandelo 54(1) lePAIA - Intloko yequmrhu labucala ekwenziwa kuyo isicelo sofikelelo kufuneka ngesaziso ifune ukuba umenzi wesicelo ahlawule intlawulo emiselweyo yesicelo (ukuba ikhona), phambi kokuba kuqwalaselwe ngakumbi isicelo.

¹¹ ICandelo 92(1) lePAIA libonelela ukuba –“UMphathiswa unokuthi, ngesaziso kwiGazethi, enze imigaqo emalunga -
(a) nawuphi na umcimbi ofunekayo okanye ovunyelwe ngulo Mthetho ukuba umiselwe;
(b) nawuphi na umcimbi onxulumene nemirhumo echazwe kwicandelo 22 nelama-54;
(c) nasiphi na isaziso esifunwa ngulo Mthetho;
(d) ikhrayiteriya efanayo iza kusetyenziswa ligosa leengcombolo lequmrhu loluntu xa lisenza isigqibo sokuba zeziphi iindidi zeerekhodi ekufuneka zenziwe zifumaneka ngokwecandelo 15; kwaye
(e) nawuphi na umcimbi wolawulo okanye wenkqubo oyimfuneko ukuze kuphunyezwe amalungiselelo alo Mthetho.”

IDilesi yelmeyili	Imibuzo eqhelekileyo: enquiries@inforegulator.org.za Izikhazazo: PAIAComplaints@inforegulator.org.za POPIAComplaints@inforegulator.org.za
IDilesi yePosi	P O Box 31533 Braamfontein, Johannesburg, 2017
IDilesi yeSitalato	J.D. House kwanombolo 27 kwiSitalato iStiemens eBraamfontein, eRhawutini, 2001
Iwebhusayithi	https://www.inforegulator.org.za

8. INKCAZELO YEZIHLOKO IQUMRHU ELIGCINE IIREKHODI ZAZO NEEREKHODI ZEENDINDI EZIGCINWE LISEBE LENKULUMBUSO

ISebe leNkulumbuso ligcina iirekhodi kwezi zihloko neendidi zilandelayo:

IINDIDI NOMBANDELA WESIHLOKO	INkqubo Ifuna isicelo
UHLangano noLawulo	
– Uhlanganiso kwakhona lwemisebenzi	INkqubo 3
– ULwabiwo lwaMandla	INkqubo 1 & 3
– UCwangciso	INkqubo 1
– IMiyalelo yeofisi neekhowudi	INkqubo 1
– IiNkqubo zokuSebenza zoMbuso	INkqubo 1
– Upapasho lonyaka lokulinganisa iseti yezalathi zeziphumo phakathi (i) kwiinkalo eziphambili zomgaqonkqubo; kunye (ii) nezalathi zolawulo	INkqubo 2
– IiNgxelo	
– Iingxelo zohlolo ezingeniswe kwiKhabhinethi malunga nemeko yonxibelelwano kuRhulumente weNtshona Koloni	INkqubo 1 INkqubo 1
– Iingxelo ezisemthethweni zingenisiwe kuNondyebo wePhondo	INkqubo 2
– UMgaqonkqubo neQhinga lokusebenza	
– Iingxelo yohlolo ngolungelelwaniso/ngokungalungelani	

<p>kweAPP yeSebe kwiSicwangciso seQhinga lokusebenza sePhondo (i-PSP)</p> <ul style="list-style-type: none"> - Ingxelo yenkqubela phambili engenisiwe kwiKhabhinethi malunga nokuphunyezwa kwePSP. - Amaphepha omgaqonkqubo naweqhinga lokusebenza ukuphendula kwizigunyaziso zeqhinga lokusebenza likazwelonke nelephondo - liNkcukacha zoLawulo lweQhinga lokusebenza - Iingxelo ezidityanisiweyo kwintsebenziswano engundoqo kunye neendibano 	
<p>UMgaqosikhokelo oseMthethweni kunye noMthetho</p> <ul style="list-style-type: none"> - ISakhelo soMgaqosiseko weSizwe - UMthetho waMazwengamazwe - UMthetho kaZwelonke - UMthetho wePhondo leNtshona Koloni 	<p>INkqubo 1</p>
<p>ULawulo lweZibenelelo zaBasebenzi</p> <ul style="list-style-type: none"> - UPuhliso loMbuso - Iingxelo (i) zokuziphatha kwesebe; (ii) iingxelo zenkqubo yoshishino; (iii) iingxelo zoyilo lombuso - Iingxelo zongenelelo lonikezelo lweenkonzo oluxananazileyo - IZiko loQeqesho lePhondo - ULawulo lweZibenelelo zaBasebenzi - ULawulo lweZithuba - IiMeko zeNkonzo - IZithuba zomsebenzi kunye nokuQeshwa - UkuPheliswa kweNkonzo - IziQinisekiso zemfundo, uPuhliso loQeqesho neZakhono - Intshukumo yabasebenzi - ULawulo lwabasebenzi - Ubudlelwane babasebenzi 	<p>INkqubo 3</p>

<ul style="list-style-type: none"> - IPilo neMpilontle yaBasebenzi - UkuGuquguquka kokuZiphatha - IZiko loNcedo leZibonelelo zaBasebenzi 	
<p>ULawulo lweMali lwaNgaphakathi</p> <ul style="list-style-type: none"> - UHlahlomali - Uxanduva lokuphendula - Inkcitho - Amalungiselelo eBhanki - Iimali - INgqinisekiso yeNtsebenziswano - UPhicotho lwaNgaphakathi - IiNgxelo zoPhicotho 	INkqubo 1
<p>ULawulo lweNtengo</p> <ul style="list-style-type: none"> - Ukuthengwa kwempahla - Ukubonelela - ULawulo lweeAsethi 	INkqubo 1
<p>ULawulo lwamaZiko aNgaphakathi</p> <ul style="list-style-type: none"> - IZakhiwo neMigangatho - IZixhobo neFenitshala - Iinkonzo zonxibelelwano - IPilo noKhuseleko eMsebenzini 	INkqubo 1
<p>IiNkonzo zoThutho noHambo zaNgaphakathi</p> <ul style="list-style-type: none"> - EzoThutho 	INkqubo 1
<p>IiNkonzo zeeNgcombolo zangaPhakathi</p> <ul style="list-style-type: none"> - ULawulo lweerekhodi zangaphakathi - ULawulo lwamathal' eencwadi - ULawulo lweeNgcombolo - ULawulo loLwazi - Imiba yokhuseleko lwangaphakathi - IZiko i-Centre for E-Innovation 	INkqubo 1
<p>IZiko i-Centre for E-Innovation</p> <ul style="list-style-type: none"> - IZicwangciso zeICT - Amathuba oqeqesho lwezakhono zedijithali oRhulumente weNtshona Koloni afumanekayo kubemi - Izinga lokusombulula izicelo zenkonzo yeIT 	INkqubo 4

<ul style="list-style-type: none"> - Iziza zoRhulumente weNtshona Koloni ziphuculelwe ubuncincinane kwisantya senethiwekhi esili 100 mbps - Iziza zoRhulumente weNtshona Koloni zibonelelwe simahla ngeeHotspots zeWiFi - IiNkonzo ezifumaneka kwiqonga losetyenziso leselula labemi - Iinkonzo zoRhulumente weNtshona Koloni ezijongene nabemi okanye amajelo eenkonzo enziwe adijithali 	
<p>Unxibelelwano</p> <ul style="list-style-type: none"> - Unxibelelwano lwangaphakathi - Iimagazini iiFOR YOU - IiNtetho kunye neeMfundiso - IiNkqubo zoLwaziso - Imiba yezentlalo - Ukuthatha inxaxheba kwimisitho - Ushicilelo/Upapasho - IiNkcukacha zoqhakamshelwano 	INkqubo 1
<p>IiNkonzo zoMthetho</p> <ul style="list-style-type: none"> - Uhlalutyo lwamaxesh' amabini ngonyaka lwemiba yomangalelo yephondo - Inxelo yonyaka ngenkqubo yoqulunqo lomthetho wephondo 	INkqubo 6
<p>Ukuzimasa nokusingatha iintlanganiso nezinye iindibano</p> <ul style="list-style-type: none"> - Imisebenzi encedisayo - Imisebenzi ephambili 	Zonke iinkqubo
<p>IiNkonzo zoBunobhala - INkxaso yoBunobhala</p>	INkqubo 1
<p>UBudlelwane baNgaphandle</p> <ul style="list-style-type: none"> - INetwekhi - INkxaso yoBume obusemthethweni ngaphakathi koorhulumente - Izivumelwano zeNtsebenziswano yaMazwe ngamazwe 	INkqubo 2

<ul style="list-style-type: none"> - lingxelo zekota malunga nothethathethwano lweqhinga lamazwe ngamazwe - Imiba yeProtokholi yePhondo 	
<p>INkxaso yoMlawuli-Jikelele</p> <ul style="list-style-type: none"> - INkxaso yokusebenza - Imiba yePalamente - ULawulo loMxholo woShishino - liNkqubo eziKhethekileyo neeProjekthi 	INkqubo 1
<p>INkxaso yamaLungelo aBantu</p> <ul style="list-style-type: none"> - Umgaqonkqubo - liNgxelo 	INkqubo 2

9. IINDIDI ZEREKHODI ZESEBE LENKULUMBUSO EZIFUMANEKAYO NGAPHANDLE KOKUBA UMNTU ABE NOKWENZA ISICELO SOFIKELELO

Ezi rekhodi zilandelayo ziyafumaneka ukuze zihlolwe ngokwecandelo 15(1)(a)(i) kunye nokukhutshelwa kwazo ngokwecandelo 15(1)(a)(ii).

Amaxwebhu afumanekayo ukuba akhutshelwe kwiportal yoRhulumente weNtshona Koloni ku-<https://www.westerncape.gov.za> simahla ngokwecandelo 15(1)(a)(iii) aphawulwe ngeenkwenkwezi.

Inkcazelo yeendidi zeerekhodi ezifumaneka ngokuzenzekelayo ngokwecandelo 15(1)(a)	Indlela yokufikelela kwiirekhodi kwicandelo 15(1)(b)
<p>(a) Bhalisa ngokomgaqo 7(1) weKhowudi yeeNqobo zokuZiphatha zeSigqeba soLawulo (upapashwe ngokoMpoposho 41 kweyeKhala ka-2000 woMthetho weeNqobo zokuZiphatha ka-1998 (jonga umgaqo 7(5))</p> <p>(b) liNgxelo zoNyaka</p> <p>(c) IZicwangciso zokuSebenza zoNyaka</p>	<p>Inxalenye yoluntu yerejista ekubhekiselwe kuyo ku-(a) iyafumaneka kuNobhala weKhabhinethi. Inxalenye yoluntu yeerekhodi inokujongwa kwiOfisi yoMlawuli-Jikelele, kuMgangatho woku¹, kwanombolo 15 kwiSitalato iWale, eKapa phakathi kwentsimbi yesi08h00 neye15h00, ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu.</p>

<p>(d) IZicwangciso zeQhinga lePhondo</p> <p>(e) Iprospektasi yoqeqesho</p> <p>(f) UBume boMbuso</p> <p>(g) ISicwangciso sokuphunyezwa kokunikezelwa kwenkonzo</p> <p>(h) Iinkcazelo zomsebenzi</p>	<p>Iirekhodi ekubhekiselwe kuzo ku-(b) ukuya ku-(d) ziyafumaneka ukuze zihlolwe kwiOfisi yoMlawuli-Jikelele, kwanombolo 15 kwiSitalato iWale, eKapa phakathi kwentsimbi yesi08h00 neye15h00 ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu okanye zifumaneka kwiwebhusayithi yeSebe.: https://www.westerncape.gov.za/dept/department-premier</p> <p>Iirekhodi (e) iyafumaneka ukuze ihlolwe kwiZiko loQeqesho lePhondo, eKromme Rhee, eStellenbosch phakathi kwentsimbi yesi08h00 neye15h00 ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu okanye kwiwebhusayithi: https://mygov.westerncape.gov.za/files/atoms/files/PTI_Prospectus_April%202022.pdf</p> <p>Iirekhodi ekubhekiselwe kuzo ku-(f) ukuya ku-(h) ziyafumaneka ukuze zihlolwe kwiOfisi yoMlawuli oyiNtloko, kwicandelo loPhuhliso loMbuso, kuMgangatho 9 kwiSakhiwo iGolden Acre, eKapa - phakathi kwentsimbi yesi08h00 neye15h00 ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu</p>
<p>(i) IiGazethi zePhondo loRhulumente weNtshona Koloni</p>	<p>iGazethi zePhondo loRhulumente weNtshona Koloni zinokufumaneka kwiwebhusayithi yoRhulumente weNtshona Koloni: https://www.westerncape.gov.za/genera-publication/provincial-gazettes-2023</p>

10. IINKONZO EZIFUMANEKAYO KUMALUNGU OLUNTU KWISEBE LENKULUMBUSO NENDLELA YOKUFUMANA UFIKELELO KWEZO NKONZO

ISebe linikezela ngezi nkonzo zilandelayo ngqo kuluntu:

IiNkonzo ezinikezelwa liSebe leNkulumbuso	Indlela yokufikelela kwezi nkonzo
<p>Iingcombolo ezihlanagnisiweyo ze-e-government neenkonzo zetheknoloji yonxibelelwano ngokusetyenziswa kwamajelo onxibelelwano ngeenkonzo, angala:</p>	<p>Tsalela: 0860 142 142 (8 kusasa ukuya ku4 malanga) Please call me: 0797691207 SMS: 079 769 1207 (kusebenza imilinganiselo yesiqhelo) Ndwendwela: kwanombolo 9 kwiSitalato iWale, eKapa I-imeyili: service@westerncape.gov.za</p>
<p>Iportal yoRhulumente weNtshona Koloni</p>	<p>Fikelela kwiwebhu yeportal yoRhulumente weNtshona Koloni ku- https://www.westerncape.gov.za</p>
<p>IZiko loQhagamshelwano loRhulumente weNtshona Koloni:</p> <ul style="list-style-type: none"> - IZiko leMinxeba; - IZiko loQhagamshelwano: 	<p>Tsalela: 0860 142 142 ngoMvulo ukuya kuLwesihlanu ngo8 kusasa ukuya ngo4 malanga ngexabiso lomnxeba weli lizwe osuka naphi na apha eMzantsi Afrika Ndwendwela kwanombolo 9 kwiSitalato iWale, eKapa, phakathi evekini ngo8 kusasa ukuya ku4 malanga</p>
<p>(i) AmaZiko oFikelelo aseKapa iiCape Access e-Centres: apho abantu abangathathi ntweni nabasemaphandleni banikwa uqeqesho olusisiseko lwekhompyutha nokufikelela: - (a) kwiikhompyutha; (b) kwii-imeyili; (c) kwi-intanethi; (d) kwiingcombolo nakwiinkonzo zikarhulumente; (e) kumsebenzi, kushishino nakwiingcombolo zophando nakushicilelo.</p>	<p>Fikelela kwiWebhusayithi yoFikelelo kwiKapa ku- :https://www.westerncape.gov.za/cap_eaccess/ indawo kunye neeyure zala maziko okanye ufumane iingcombolo kumaZiko oQhagamshelwano kaRhulumente weNtshona Koloni</p>

11. UBANDAKANYO LOLUNTU EKUSUNGULENI UMGAQONKQUBO OKANYE KUSETYENZISO LWAMANDLA OKANYE EKWENZIWENI KOMSEBENZI LISEBE LENKULUMBUSO

IMigaqonkqubo yePhondo enefuthe langaphandle iza kufuna iNthathonxaxheba yoLuntu kwaye inkqubo eza kulandelwa iza kuvunywa yiKhabhinethi yePhondo ngokwemeko nganye.

12. UKULUNGISELELWA KWEENKCUKACHA ZOBUQU

12.1 INjongo yokuLungisela

12.1.1. liNkcukacha zoBuqu zilungiselelelwa ukuthobela umgaqosiseko weSebe kunye nezigunyaziso zowisomthetho njengoko zibekiwe kwiQhinga lalo, nakwiZicwangciso zokuSebenza zoNyaka ezifumanekayo ku- <https://www.westerncape.gov.za/dept/department-premier>

12.1.2. liNkcukacha zoBuqu zisetyenziselwa:

- Izibonelelo zabasebenzi kunye neenjongo zengqesho ezifana (1) nokugaya, ukukhethwa nokubekw' esikhundleni; (2) ulawulo lwembuyekezo neenzuzo; (3) ulawulo lwentsebenzo noqeqesho; kunye (4) nokunik' ingxelo kukarhulumente;
- Ulawulo lomngcipheko oluquka ukhuseleko olubonakalayo nolwe elektronikhi kunye nolawulo lokufikelela;
- UCwangciso;
- Ukuthengwa kwempahla neenkonziso; kunye
- noNikezelo lweenkonzo.

12.2 Inkcazelo yeendidi zeziHloko zeDatha, iingcombolo ezilungiselelelweyo nabamkeli bazo

IZIHLOKO ZEDATHA	IINGCOMBOLO	ABAMKELI
Abaza kuba ngabasebenzi, abasebenzi abakhoyo ngoku,	- Igama, inombolo yesazisi, iinkcukacha zebhayografi;	AmaSebe aFanelekileyo kaRhulumente wePhondo

<p>abacebisi, abaqeqeshwayo kunye namavolontiya</p>	<ul style="list-style-type: none"> - linkcukacha zoqhakamshelo; - Imfundo, ingqesho kunye nembali yolwaphulomthetho; - Ibiometrikhi kunye neenkukacha zempilo; - Uhlolo lwezengqondo; kunye - neeReferensi kunye nokuhlolwa kwemvelaphi. 	<p>nokaZwelonke neearhente zawo.</p>
